# SINGALUFUMANA NJANI UKHUSELEKO LWEZEMPILO JIKELELE KWINKQUBO YEZEMPILO ENINZI/NGOBUNINZI?

FUNDED BY NIHR | National Institute for Health and Care Research
UK International Development
Partnership | Progress | Prosperity

This research was funded by the NIHR (NIHR150146) using UK international development funding from the UK Government to support global health research. The views expressed in this publication are those of the author(s) and not necessarily those of the NIHR or the UK government.

iNkqubo yezempilo enababoneleli abazintlobo ngeentlobo, imithombo yenkxaso-mali, namaziko afana neezibhedlele zikarhulumente, iiklinikhi zabucala, iiziseko zesisa, okanye amagqirha, ibizwa iinkqubo yezempilo e-plural. Lenkqubo izokunika abantu ithuba lokufumana uncedo lwezempilo ekwizinga oluphezulu, eyokubayinzuzo kuthi sonke. Ukuba ayiphathwa kakuhle ingadala ukudideka, izinga elinganinganiyo lonyango, nomngangatho lwemphatho olunganinganiyo. Ukhuseleko lwezempilo jikelele lwenzeka xa uncedo lwezempilo lufikeleleka kumntu wonke, apho bakhoyo naninina belufuna uncedo, ngaphandle kokutyabula iimpokotho.

uPhononongo lwe-scoping yiprojekthi yophando ekhangela izifundo eziphandiweyo ezipapashwe kumhlaba jikelele ngomxholo othile ngokuzama ukuqonda ngokubanzi ngalomxholo. iiNjongo zoluhlolo lovavanyo kukuxoxa izimvo ezibalulekileyo namava asuka kwilizwe jikelele sizokwazi ukuphuhlisa ulwaz lwethu malunga nenkqubo yezempilo e-plural/yobuninzi eluntwini.
Olu lushwankathelo lophononongo lwe-scoping enzulu ngenkqubo yezemplilo e-plural.

- uphono-nongo lwezemfundo ezahlukeneyo
- Imizekelo esuka kwamazwe ngamazwe
- Izinto ezifanayo nezahlukileyo
- uphono-nongo oluthe-vetshe nee ngcebiso

# AMAVA ASUKA KWILIZWE JIKELELE

**Ukhetha ukuyaphi xa ugula?**

- Ukufikeleka ngokwezemali
  Ngowumphu umboneneleli wezempilo ofikelelekayo kum ngokwezemali?
- Ukufikeleleka
  Ngowumphi umboneneli wezempilo okufutshane kum?
- Umgangatho
  Ngowumphi umbonelelli wezempilo onezakhono ezaneleyo zokungonga?
- Inkathalo
  Ndizokuphathwa ngentlonipho ngumboneleli wam wezempilo?

e-India naseNigeria, iiklinikhi zikawonkewonke soloko zikude okanye kungqongophele abasebenzi. Uluntu luphela lufuna uncedo kwababoneleli abangekhosesikweni, abafana nababelekisi, abaphilisi basekuhlaleni, okanye abathengisi bamayeza abangekosesikweni. Umgangatho woloncedo ungohluka.

UKUSWELA ABASEBENZI ABONELAYO → IKUDE LEE → AMAGQIRHA ASEKHUHLALENI → UMTHENGISI WAMACHIZA NGAPHANDLE KWEMVUME → UMGANGATHO ONGACACANGA

Ukukhawulela leyantlukwano, e-India bavelise iiMohalla Clinics, ezi ziklinikhi zasekuhlaleni ezinoogqirha babucala ababhatalwa ngurhulumente. Oku kwenze uncedo lokuqala lufikeleleke kwizigidi zabantu abahlala kwiilokishi zabangathathi ntweni.

iiKLINIKHI ZASEKHUHLALENI/ZIKARHULUMENTE

ooGQIRHA BABUCALA

- iiNkqubo yezempilo kawonkewonke yazeBrazil isebenzenzisana nemibutho engajonganga nzuzo ukuze ifikeleleke kuluntu olusweleyo.
- Umxube lwamasebe lwaseThailand lwezibhedlele zikarhulumente neeklinikhi zabucala eziphantsi kolawulo lomthetho zinceda phantse wonke umntu ngexabiso eliphantsi.

- e-UK naseJamani iimvavanyo zokudluliselwa bucala zidale ixabiso eliphezulu NGAPHANDLE kokunyuswa komgangatho loncedo.
- eMexico naseColombia, inkqubo yomshwalense equka iinkampani zabucala, zandise inkxaso kodwa zishiye abantu abaninzi besokoliswa ngamatyala axhomileyo kwaye nonyango lungafikeleleki kubo bonke.

# IZIZATHU EZISIBUYISELA UMVA

### Ufikeleleko kunyango

- Naxa inkqubo yezempilo ifikeleleka, abantu basajongene nemiqobo.
- eColombia: Izigulana ezisokolayo ziye zitsibe unyango kuba bengenayo imali yokukhwela.
- eBangladesh: abantu ababhinqileyo baye bakhethe ababelekisi babucala kunoya ezibhedlele kuba abasebenzi bebaphatha kakubi.

### Indaba yomgangatho

- Inkqubo eyophukileyo idala umgangatho ongalinganiyo.
  - Ababoneneli babucala baye benze iimvavanyo zonyango ezingadingekiyo ukuze benze ingeniso.
  - iiKlinikhi zikawonkewonke ezingaxhaswayo ngokwaneleyo ziswela amachiza asisiseko.
- eUK: ababoneleli babucala bajongene nokulawula iindleko nakunobabancede izigulana.

### Intsebenziswano

- Xa ababoneleli abaninzi besebenza ngexeshelinye, kwindawo enye, kungadala udideko.
- Nigeria: izigulana zibona oogqirha besintu → baye kwivenkile ezithengisa amayeza → baphinde baye kwizibhedlele zikawonkewonke. Akhomntu olandelisayo ngoncedo abalufumanayo. Oko kudale inkqubo engasebenziyo, kwaye iphinde ibenobungozi.

# SINGAZAKHA NJANI IINKQUBO EZINGCONO?

**1** Ukuphuculwa komgaqo-nkqubo

eChile naseThailand; amabakala acacileyo kwaye noqiniso lophumezo komthetho → Ukunqanda ukuba ababoneleli babucala banganciphisi umgangatho lonyango besenze ingeniso.

**2** Ulunto olomeleziweyo

eBrazil naseThailand: Abakhuseli boluntu namabhunga oluntu bagcina ababoneleli benyanisekile. Xa abantu benamandla ngokwenene, iinkqubo zempilo ziye ziphendule kakhuhle.

**3** Ubuchwepheshe bungadibanisa iingcukacha

e-India naseMzantsi Afrika : iiRekhodi zonyango ezidijhitali nee-apps zokulandela umkhondo wamachiza → ubuchwepheshe obuqondayo bunganciphisa ukumosha nobuqhophololo. Izixhobo ezilula zenza iinkqubo eziphucukileyo.

**4** Izivumelwano ezizikhathaleleyo iziphumo

Xa oorhulumente beqeshe ababoneleli babucala benzela ukuqinisekisa ulandeliso novavanyo olomemeleyo kwaye nenkqubo yentlawulo efanelekileyo.

Umzekelo, eBrazil: Xa kukho intsebenziswano nemibutho engajonganga nzuzo kwaye nentlawulo epheleleyo isenziwa xa kufezekiswe ithagethi zokugonyiswa kwabantwana nokhathalelo loomama.

# UKUYA PHAMBILI/INKQUBELA PHAMBILI

Ingxoxo-mpikiswano malunga nezempilo ayithethi ngenkqubo kawonkewonke neyabucala. iJongene nokwakha inkqubo ebeka abantu phambili. Mithathu imigaqo engasikhokhela:

Inkqubo yezempilo eyomeleleyo kufanele ibesisiseko, ababoneneli babucala bagcwalise izikhala ezikhoyo kwiinkonzo zezempilo, njengokuba sibona kumzekelo kwinkqubo yaseThailand.

Ukuba umboneleli usuka kwicandelo likarhulumente, kwicandelo labucala, okanye ngumboneleli wesintu, kufanele bafikelele kwinqanaba olufanayo kunye noxanduva olucaciyelo olulinganayo.

iImpawu zokulinganisa ezibonisa iimpilo eziphilileyo zezona ekufanele ziphononongwe kunemilinganiso yemigaqo-nkqubo efana negeniso okanye ukutyelela iklinikhi.

Kunzima ukuqonda iinkqubo zezempilo, kwaye ziinkqubo ezohlukahlukeneyo eziphuhlayo. Kuyofuneka sicalule obubunzima ukuze wonke umntu afumane impatho efanayo.